URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO
EzeMfundo

2022 The year of learning
Leadership driving resilience

iWCED
UKuTshintsha iNdlela yoKwenza

IMIBUZO EBUZWA QHO NGEPHULO LONGENELELO NGONCEDO I-GROWTH MINDS (GM)

1 INGABA ZONKE IZIKOLO EZITYUNJIWEYO ZIYA KUXHOTYISWA NGOLWAZI NGENKQUBO YEPHULO LONGENELELO NGONCEDO I-GM LIKA-2022?

Ewe, kubalulekile gqitha ukuba zonke izikolo ziqhelaniswe ngayo yaye ziyiqonde ngokufanayo inkqubo yongenelelo ngoncedo. Umphathi weprojekthi yephulo i-GM wephondo kunye nekomiti yesithili baya kuququzelela iiseshoni zekhompyutha. Ingcaciso ebhaliweyo iya kuthunyelwa kuzo zonke izikolo kusetyenziswa icandelwana i-Registry isayinwe yiNtsumpa-Jikelele (Superintendent-General) (SG). Unxibelelwano ngefoni kuzo zonke izikolo luya kulandelelwa nangokuthunyelwa kwe-imeyili.

2 INGABA IPHULO LONGENELELO NGONCEDO I-GM LENZELWE KUPHELA IZIKOLO EZIYI-30 EZITYUNJIWEYO EZIGUNYAZISWE NGU-SG UKULUNGISELELA U-2022?

Ewe, umhlaba ekujongwe kuwo luqeqesho kukufikelela kubo bonke abafundi abayi-1.1 yesigidi engadlulanga u-2025. Zonke izikolo ziya kuthi ekugqibeleni zibe yinxalenye yephulo longenelelo ngoncedo i-GM. Siya kuba nako ukubonelela izikolo eziyi-240 kuphela ngonyaka (izikolo eziyi-30 kwisithili ngasinye).

3 KULINDELEKE NTONI KWIZIKOLO NJENGENXALENYE YEPHULO LONGENELELO NGONCEDO LESICWANGCISO SOKUTSHINTSHA INDLELA YOKUCINGA (GROWTH MINDSET (GM) INTERVENTION)?

Kulindeleke le nkqubo ilandelayo yokuthatha inxaxheba kwezikolo yaye ukuphunyezwa kwayo kwibakala ngalinye kumele ukucwangciselwa ukulungiselela ithayimthebhile yesikolo yango-2022:

- I-ePoster 1: AmaBakala 4–9 neBakala 12 (Makuzaliswe uvavanyo lokwandlalela oluqhelekileyo olunemibuzo emine, kubukelwe iividiyo ezimbini, yaye makuzaliswe imisebenzi nemisebenzi yokubethelela ulwazi phakathi koMatshi no-Apreli 2022.)
- I-ePoster 2: AmaBakala 4–9 neBakala 12 (Makubukelwe iividiyo ezimbini yaye makuzaliswe imisebenzi nemisebenzi yokubethelela ulwazi phakathi koMeyi noJuni 2022.)
- I-ePoster 3: AmaBakala 4–9 neBakala 12 (Makuzaliswe uvavanyo lokwandlalela oluqhelekileyo olunemibuzo emine, kubukelwe iividiyo ezimbini, yaye makuzaliswe imisebenzi nemisebenzi yokubethelela ulwazi phakathi koJulayi no-Agasti 2022.)
- I-ePoster nganye iya kuthatha malunga nemizuzu eyi-45 ukuzaliswa. Ziiseshoni eziyi-3 zemizuzu eyi-45 zonyaka.
- Ukufikelela kwii-ePosters, abafundi kuya kufuneka bayazi inombolo yabo ye-CEMIS. Ootitshala banokuzikhupha iinombolo zabafundi phambi kokuba baqale iphulo longenelelo ngoncedo.
- Abafundi bamele ukuzalisa zonke ii-ePosters.

4 INGABA YONKE IMIBUZO KWIIKHWESHINE ZOVAVANYO LOKWANDLALELA NOVAVANYO LOKUGQIBELA ISEKELWE KWINDLELA YOKUZIPHATHA/KWINDLELA YOKUCINGA YABAFUNDI?

Ewe, zombini iikhweshine zaqulunqelwa ukuvavanya indlela yokuziphatha/indlela yokucinga/ingcinga yomfundi.

5 INGABA BONKE ABAFUNDI BENZA UVAVANYO LOKWANDLALELA NOVAVANYO LOKUGQIBELA KUNYE NEMINYE IMISEBENZI EQUKA UKUBUKELA IIVIDIYO?

Ewe, bonke abafundi bamaBakala 4–9 nabafundi beBakala 12 bamele ukuzalisa iindidi zovavanyo zombini neminye imisebenzi echaphazelekayo. Kufune siqinisekise ukuba abafundi baneembono ezakhayo ngobomi. Ngokuthatha inxaxheba kwiphulo longenelelo ngoncedo i-GM abafundi banokunyameka nangaphezulu yaye bazimisele, ukongeza kwilinge lokuqubisana nemingeni engaphezulu yokuziphuhlisa ngezakhono ngokuzimeleyo nokufunda ngokuzimeleyo. Ngoku, nangaphezulu kunakuqala, indlela yokucinga, ingcinga eyakhayo nokunyameka kwakho kuyafuneka ukumelana noxinzelelo kunye nokucinezeleka okubangelwa lifuthe likabhubhane i-COVID-19. Abafundi kufuneka bazame ukwenza imisebenzi entsonkothileyo. Kufuneka sinike umfutho kwisayensi yokusebenza kwengqondo nemithamboluvo (neuroscience of learning) yokufunda kunye nomfutho kwinkqubo ngokubanzi (systemic impact). Abafundi kufuneka bacinge ngokwahlukileyo ngemfundo yabo.

6 KUFUNEKA UVAVANYO LWENZIWE KWIKHOMPYUTHA OKANYE NGOKUBHALA EPHEPHENI?

Ngekhompyutha kuphela. Ukuba isikolo sikhetha ukuqala silwenza ngendlela yokubhala ephepheni, isikolo sinoxanduva lokulufaka kwikhompyutha emva koko. Isimo soqhagamshelwano (*connectivity*) kuya kwabelwana ngaso kuzo zonke izikolo ngexesha elifanelekileyo eliya kubonakalisa isimo se-LAN (*LAN status*) nezixhobo (*devices*) ezahlukileyo ezikhoyo esikolweni. Izikolo kufuneka zifowunele kwi-OFISI YEZONCEDO (*HELPDESK*) apha 021 483 4800 ukuba kukho iingxaki zoqhagamshelwano.

7 KUFUNEKA ZIGCINWE PHI IIFOM ZOKUNIKA IMVUME?

Zonke iifom zokunika imvume, ezisetyenziswa ngabo bonke abafundi, abaneminyaka eyi-12 nabancinane, kufuneka zigcinwe/zifakwe kwifayili esikolweni ngokungqinelana neeprothokholi zokugcinwa kwamaxwebhu athile ngokunqatyisiweyo ngokhuseleko phambi kokuba kuqale ungenelelo ngoncedo.

8 ZINOKUQHAGAMSHELANA NABANI IZIKOLO UKUFUMANA UNCEDO OLUNGAPHEZULU?

Amagosa eGM eZithili		
Metropole South	Brynn Mc Donald	021 370 2000
Metropole Central	Irma Du Toit	021 514 6703
Metropole North	Gwen Fisher	021 938 3000
Metropole East	Joyce West	021 900 7000
Overberg	Margie Clarke	028 214 7300
Cape Winelands	Janine Ontong	023 348 460
West Coast	Nathan Erasmus	021 860 1200
Eden and Central Karoo	Granville Petersen	044 803 8300
Head Office Intern	Doné Alard-Gilton	021 467 2641
KwaNdlunkulu: UMphathi weProjekthi yeGM	Noleen Dodgen	021 467 9321